S. E. Krune Mqhayi: *Imvo Zabantsundu* (28 January 1939), page 7

**Ndiyabulela makowethu**

Ilandelelene imiphanga endixhwalileyo kuso esisi thuba sikufuphi nje. Bendizama nokungathethi nto ngayo, koko abavelani bandikhuphulule. U MR. KLASS MAYEKISO. - Lo ngumyeni wentombi ka bawo enkulu; yinkosana yasema Gqunukwebeni kwa Cungwa, ubeselemi e Mnqaba ku James Mama, - yena usweleke ngo 6th. Nov. 1937. Lomfo nguye owathunywa ngu bawo ukuba aye kundithabatha koo bawokazi iinto zika Nzanzana Mqhayi kwa Centane, - waya nam emzini wakowabo e Dikeni, e Lovedale Station, ndahlala khona iminyaka, ndifunda lemfundwana kuthiwa ndinayo, - ndisiwe kwanguye ebudodeni, - wade wabuye wandizekela. Elo xegokazi lingu dad'ethu ke ulishiye lineentombi zombini, nabafo ababini.

Bekuxa aminyaka ima 81 kuba wayesel'ekho nge Ngqawule.

U Nomagodo,

U Vingcwa livarhasha,

Um Balawuli ngablankethe;

U Gotyi libal' amathuba;

Inkomo ka Lantyu. –

Ka Mngqenge ka Mndlela!

Ngeyas' inenel!

MRS. AGGIE LEKALAKALA

Le yintombi ka Klass Mayekiso enkulu, ivele ngowe 1889, yatshata nom Suthu u Mn. P. Lekalakala kwa Komani, owasweleka ngesibetho. Lo mtshana wam obephantse ukundithabatha ngezinto ezi ninzi, naye njengoyise usweleke nge 6th. Nov. 1938. Lentomb'am yafunda kakhulu isencinane, ingekasiwa nasesi kolweni; ithe iyasiwa yabe seyiphambili. U Dr. Stewart (Somgxada), uyinqhwinibe amaxesha ngamaxesha esithi imfundo iyakumenzakalisa, ade akhe ayifake ekhitshini lakhe, isebenze ngaphakati. Ityhudisile noko yade yayiphumelela i 1st year ne 2nd year. Uthe xa u Dr. Stewart amophulayo mpela ngoku,

ndamhlasela ngomsindo ndamsa e Mgwali, ise ngu Miss Dunsmore. Ufunde apho neentokazi ezingevayo zika Armstrong zase Ugie, nezika Dr. Rubusana, wadibana noogxa bakhe: uphumelele kwangawo lomnyaka wee qu ngokufundisa kowethu ema Bheleni e Tyume, nase Somerset East kamfi ude wayakutsho kwa Komani, apho senditshilo ke ukuba watshatela khona. Ngumntu wakwa Komani ke ngoku ongagqitisa apho azitsho iziganeko ze Nkosazana, u Nonqh'uvana, u Ngubo ngangahlutwa zinikw' abathandwayo!! Intokazi ebiwa bambe onke amatheko amahle omzi wakwa Komani!!

## U MRS.JOSEPH GABA

Kwangaye u Dec. lo udluleyo ndifikelwa yincwadi evela e Cawa (Port Alfred), ku mkhozi u Mr. Thos. K. Runeli isithi u Khatshiwe akasekho. Lo ke yintombi ka Mr. Booi Monqo, umGiqwa, yayendele kumtshana wakowethu, okhulele kowethu, unyana wentombi enkulu ka Krune ebise Tapolisi. Into awazithethelela ngayo lomfazi kum kukondla noku nqaka ixego elingu bawomkhulu, u Krune Mqhayi, wade wafa ema 95 eminyaka yobudala.

## U WALTER BOMOYI

Kuthe kanti ngosuku lokugqibela emnyakeni lo udlulayo, nge 31st siza kunchwaba umfo wam, oleligama lingasentl' apha. Andazi, - lendoda ngeyayo imfundwana ngathi ibizama ukuqala into entsha, engekabikho kuthi bantsundu, - imi dlalwana ekuthiwa ngesilungu zii "Play" nee "Drama" ezinje ngezoo Shakespeare. Ibilijikeleza ke ilizwe, ifundisa lemidlalo kwintsapho zezikholo, isithi yonwabisa abantwana. Iititshala, naba Hloli bezikolo bebethanda ukuyinika iintambo zokuyikhuthaza, bezithanda nezi "Bongo" ezenza kunye nemidlalo leyo.

Ukususela ku July '38 ibe se Mxhelo koka Sigila nase Tyume e Dikeni; ithe thu apha ekaya seyiphuma e Peddie (Nqhushwa). Kwafika umfo oseledliwe kade ngumkhuhlane. Akabanga sancedanto amalinga, waphela ngowama 30/12/38.

Ukwenjenje kukubulela amakowethu asoloko elandelelana nam endikhuza kwezi ntlekele[1], ndingabikanga nto ngokwam, nithe kanti niyandiphilisa makowethu enkosi, enkosi kakhulu!!

[1] ntlekehle